



Inombolo yefayili: 23/2/8/1/ NTA 2023  
Isalathiso: 20230607-5216

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamacandelwana nezamacandelo kwaNdlukulu, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-ISLES, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente, kwiiNtloko zamaziko eBakala R abhalisiweyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

#### Isihloko: **AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke angu-2023**

1. AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke (*National Teaching Awards (NTAs)*) aqaphela ukutshatshela nemigangatho ephezulu yobuchule kumsebenzi wokufundisa nokubonelela abakumsebenzi wezemfundo ngamathuba okubhiyozela impumelelo yootitshala abagqwesileyo ngokuqaqambisa umsebenzi obalaseleyo owenziwa ngootitshala.
2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe iWCED) ke ngoko, liyazidla ngokuthi lazise yaye lisingathe umsitho wama-23 wamabhaso ephondo aqho ngonyaka, ongumsitho wama-23 owandulela owamabhaso e-NTA aqho ngonyaka, ocwangciselwe ukuqhubeka ngowe-**25 Agasti 2023**.
3. Inguqulelo yekhompuyutha (*electronic version*) eyi-*Nomination and Information Guide*, equlethe iifom zokutyumba neekhrayitheriya zokufaneleka, iyafumaneka kusetyenziswa le linki ngezantsi. Kukwaqhotyoshelwe apha nekopi ye-*Nomination and Information Guide*. Kucelwa niqaphele ukuba akukho zikopi ziprintiweyo ziya kunikwa izikolo. Kucelwa izikolo zikhuphele (*download*) amaxwebhu akhankanyiweyo ngokusebenzisa le linki ilandelayo: <https://wcedonline.westerncape.gov.za/national-teaching-awards>
4. Kucelwa bonke ootitshala, amabhunga olawulo namagosa ezithili ukuba bangenise amagama abatyunjiweyo ngokusekelwe kwiikhrayitheriya eziqulethwe kwi-*Nomination and Information Guide* kwinqununu zabo okanye kubaphathi bamaziko.

5. Ootitshala abafanele ukuwongwa banokutyunjwa kwezi ndidi zili-14 zilandelayo:
- UkuTshatshela ekuFundiseni kwiBakala R
  - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiZikolo eziziiPrayimari (kumaBakala 1–7)
  - UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo eziziiPrayimari
  - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiZikolo eziziiSekondari (kumaBakala 8–12)
  - UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo eziziiSekondari
  - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa
  - UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa
  - UkuTshatshela ekuFundiseni iMathematika (*GET*)
  - UkuTshatshela ekuFundiseni iMathematika (*FET*)
  - UkuTshatshela ekuFundiseni i-Natural Sciences
  - UkuTshatshela ekuFundiseni i-Physical Sciences
  - UkuTshatshela kwiThekhnoloji – Ibhaso lokuFunda nokuFundisa okuPhuculweyo
  - Ibhaso likaTitshala oTshatshelayo
  - Ibhaso i-Kader Asmal leMpumelelo kwezeMfundo ngeXesha Lonke loKuphila
6. Ngootitshala kuphela o.k.t iinqununu, amasekela-nqununu, ootitshala, iitheraphisti nesayikholoji zezikolo zikarhulumente zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa abanokungenela udidi lokuTshatshela kudidi lweMfundo eneeMfuno eziZodwa. Kucelwa nifunde umhlathi 11.1.11, 11.1.12 no-11.1.13 (iphepha 55) kwi-*Nomination and Information Guide* ukufumana inkcazelo engaphezulu.
7. Kucelwa iinqununu nabaphathi bamaziko ukuba bathumele iifom ezizaliswe ngokupheleleyo kule dilesi ye-imeyili ilandelayo: : [nta2023@wced.info](mailto:nta2023@wced.info)
8. Kucelwa nifunde **isiHlomelo A** no**Luhlu lokuTshekisha** ukufumana iinkcukacha zokungeniswa kweeFom ii-*Nomination Forms* nenkqubo elandelayo yokukhethwa kwabaphumeleleyo.
9. Ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nomququzeleli wesithili ochaphazelekayo odweliswe apha ngezantsi:

Isithili	Umququzeleli wesithili (Abaququzeleli bezithili)	Inombolo yefoni	Idilesi ye-imeyili
<b>Metropole North</b>	Mnu Owen Weeder	021 938 3174	<a href="mailto:Owen.Weeder@westerncape.gov.za">Owen.Weeder@westerncape.gov.za</a>
<b>Metropole Central</b>	Nks Lesley Hutchings	021 514 6945	<a href="mailto:Lesley.Hutchings@westerncape.gov.za">Lesley.Hutchings@westerncape.gov.za</a>
<b>Metropole South</b>	Nks Genine Erfort	079 526 9264	<a href="mailto:Genine.Erfort@westerncape.gov.za">Genine.Erfort@westerncape.gov.za</a>
<b>Metropole East</b>	Mnu Craig Paulsen	021 900 7035	<a href="mailto:Craig.Paulsen@westerncape.gov.za">Craig.Paulsen@westerncape.gov.za</a>
<b>West Coast</b>	Nks Janine Adonis	021 860 1208	<a href="mailto:Janine.Adonis@westerncape.gov.za">Janine.Adonis@westerncape.gov.za</a>
<b>Cape Winelands</b>	Mnu Bertram Jacobs	021 348 0633	<a href="mailto:Bertram.Jacobs@westerncape.gov.za">Bertram.Jacobs@westerncape.gov.za</a>
<b>Overberg</b>	Mnu Edward Kies	084 583 5008	<a href="mailto:Edward.Kies@westerncape.gov.za">Edward.Kies@westerncape.gov.za</a>
<b>Eden &amp; Central Karoo</b>	Nks Yolande Damons	044 803 8344	<a href="mailto:Yolande.Damons@westerncape.gov.za">Yolande.Damons@westerncape.gov.za</a>
<b>Provincial Office (CTLI)</b>	Mnu Gavin de Bruyn	021 900 5053	<a href="mailto:Gavin.deBruyn@westerncape.gov.za">Gavin.deBruyn@westerncape.gov.za</a>
	Nks Tamaryn Petersen	021 900 5035	<a href="mailto:Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za">Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za</a>

10. Kucelwa abatyunjiweyo babenolwazi ngeekhrayitheriya nangenkqubo yokukhethwa kwabaphumeleleyo.
11. Kufakwe isikhokelo samanyathelo ngamanyathelo esiyividiyo kwiziko lewebhu le-NTA (NTA webpage) ukuncedisa ootitshala/izikolo ekuzaliseni iifom zokutyumba abafanelekileyo. Ividiyo inokufunyanwa ngale linki ilandelayo: <https://wcedonline.westerncape.gov.za/national-teaching-awards>
12. Ukulungiselela ukukhethwa kwabaphumeleleyo kumanqanaba ephondo nakazwelonke, kuya kucelwa abatyunjwa bangenise inkcazo-ntetho (ka-PowerPoint okanye ipowusta) kwiikhrayitheriya eziqhelekileyo nezikhethhekileyo ngokunjalo (general and specific criteria), eqaqambisa umsebenzi wabo omawuqwalaselelwe eli bhaso linqweneleka ngamandla. Oku kuya kusebenza njengodliwano-ndlebe lokugqibela lokumisela abaphumeleleyo kwiphondo nakuzwelonke.
13. Ngootitshala abahlanu abona baninzi abanokwenza iqela ngodidi ngalunye.
14. Umhla wokuvala wokungeniswa kwazo zonke iifom zokutyumba kwiCandelo le-Cape Teaching and Leadership Institute ngowe-**24 Julayi 2023**.

15. Le mihla ilandelayo ithathwa njengebalulekileyo kwinkqubo yango-2023:

<b>No.</b>	<b>Okwenziwayo</b>	<b>Imihla efanelekileyo</b>
1	Ukuvalwa kokufakwa kwamagama abatyunjweyo	<b>24 Julayi 2023</b>
2	Inkqubo yokugweba kwiPhondo	31 Julayi – 04 Agasti 2023
3	Itheke lamabhaso kwiPhondo	25 Agasti 2023
4	INkqubo yokugweba kuZwelonke	03 – 08 Septemba 2023
5	Itheke lamabhaso kuZwelonke	05 Oktobha 2023

16. Abagqatswa abakuluhlu olufutshane baya kwenza udliwano-ndlebe neenkcazo-ntetho bekhona buqu e-Cape Teaching and Leadership Institute.
17. Abaphume isibini kwiphondo nabaphumelele emagqabini baya kufumana amabhaso njengoko kumiselwe liSebe iWCED.
18. Amabhaso ii-NTAs axhaswa nguMphathiswa weMfundo wePhondo, yiNtloko yezeMfundo, yimibutho yeemanyano zabasebenzi nemibutho yamabhunga olawulo.
19. Ayakhuthazwa onke amalungu angabahlali besikolo ukuba bathathe inxaxheba ekutyunjweni kootitshala abakufaneleyo ukuwongwa kwii-NTAs.
20. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abafundisayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2023-06-12